S.E.M.: *Imvo Zabantsundu* (29 February 1916), page 4

**Ukuvulwa kweKoleji eFort Hare**

"Lemini yimini yendaba ezilungileyo site cwaka nje. 2 Kum. 7:9

Umhla wesibhozo kwinyanga yo Mdumba (8th February), 1916, emva kokuzalwa kwe Nkosi yetu, nangomnyaka wesitandatu wokulaula ko Kumkani wasema Ngesini u George we Sihlanu, ngexesha lokuvelela kuka Lord Buxton oli Liso lo Kumkani lowo, no kongama kuka General Botha kwi Afrika ese Zantsi; kuhle isiganeko esibalulekileyo enia Xoseni, sokuvulwa kwesikolo se Mfundo Enzulu ebikade ililelwa.

Kwasentloko Mhleli, nani bafundi, mandizixele okokuba ngalo lonke ixesha esibe sizanywa esi Sikolo, bendingena luvelwano naso, bendisiti: Lento kwenziwa nje umunyu wokuba zesingaweli siyokufumana i Mfundo etwabulula ingqondo Pesheya ko Lwandle, ndisiti kwenziwa nje iqetsu lokuba sinqotolelwe kwinkohliso yokungati sifundile kanti hayi sikohlisiwe. Mandilipume nditi: Namhlanje oku senditembele ku Tixo, kuba Yena yi Nkosi ekwaziyo ukujika into ebiyenzelwe ilishwa ibe yeye tamsanqa, aguqule into yokubulala ibe yeyoku pilisa. Kungelo temba nanamhla endinovuyo ukuyenza lemidana.

Ndibe nemihlali emikulu ngokwenzeka kwalo msebenzi kumhlaba endizalelwe kuwo, azalelwe kuwo nobawo, endinchwabele kuwo u mawokulu, nomawokulu womawokulu bekwa kuwo. Ukuba bendinesipiwo sokubonga, njengoko ndiva besitsho abaninzi beli lizwe, bendiya kucabanga ndenjenje—

Awull! Ewe kaloku kuyavakala!
Kazi bapin' abantu balendawo?
Kuba tina maxegwana ngoku kusinzimele,
Ngokub' ulutsha luti siyashwantshwata, Luti
ukuteta sikuhambisa ze.
Ngoko namhl' andiyi kubhekisa luto kulo,
Kuba ngokwenene lwakundiva kakubi,
Sendiya kut' ukuteta ndiman' ukwalata,
Ndiman' ukwalata kwi Ntaba ka Ndoda;
Ndiman' ukwalata kwi Ntab' e Bukazana;

Ndiman' ukwalatha kweye Gqirha noLungcu;
Ndiman' ukwalatha[1] kweye Gulukuqawe neka Mnqwazi:

Kant' u Qelekequshe lo ndimgxeleshile,
Zona Ntaba zaz' inteto yamanyange.

Azi bapina abantu balendawo? Az'
upin' oka Mavuso noka Ngwabeni, Az'
upin' oka Vela noka Mabandla?
Ngabek' u Nqhaba Ncontso no Tshuka Fiti:
Ngabek' oka Gqoba ubek' oka Koboka;
Siv' ukutetwa kwalento ukub' itiwanina,
Kuba lemini yeyendab' ezilungileyo.
Az' umz' ute cwaka nje kutenina?
Kuba lemini yimini yemibulelo
Kaz' umz' ubona ngaliso linjanina?

Kuseko mpunde na kumzi wama Xosa?
Kuseko qongqolo-jangqela na?
Kuseko ntonina kulomzi ka Ngqika
Engabuyis' amazwi abafo basemzini?
Abebelapa ngomhla wesibhozo kweyo Mdumba,
Beze neminikelo pambi ko Sandile,
Beze namatamsanq' ase Nyangwaneni,
Beze ne ntsikelelo zo Pezu-konke,
Beze nentlobo ngentlobo zamaxoba,
Bazibek' ezinyaweni zo Mhlekaz' u Sandile.

Namhlanj' u Rulumente makabulelwe!
Kub' uzibonisil' ukub' ungu bawo,
Usuke ngesiqu ema Bhotwen' amakulu,
Waza kunik' ilifa konyana bake,
Kwingqaqa ze Tyume no Qelekequshe,
Pezu komhlaba wendab' engavaniyo, Napezu
komhlaba wama gazi.
Wabatambisa wabayala,

---

1

Wabapos' isidanga sobuhlalu

*ukwala*

Wabapos' itamsanqa lo Pezulu.

Namhlanj' ama Bhulu makabulelwe! Kub'
injuze yawo ayitumile,
Ukuza kuteta ngolwimi lwawo, Ekusungulweni
kwent' abekad' eyipika, Abekad' eyipik' i
Mfundo yo Ntsundu.
Yayiwel' imilamb' enamagama.
Yajong' inkwenkwez' enomsila e Mpumalanga,
Yaliwel' i Ligwa ne Gqili,
Yayiwel' i Nxuba ne Nchwenxa;
Ide yafik' ezinyaweni zika Sandile,
Ap' ingabanga sagqita nonyawo.
Namhla sihlamben' induma,
Induma zezabhokwe nezezitropu;
Induma zelote neze ruluwa.

Namhlanj' abe Sutu mabaculelwe!
Kunye na Batshwana nama Swazi:
Kub' intw' esikade siyiteta bayenzile,
Kade sisiti tina siyimpumlo yezi zizwe,
Apo kwagquba kona inkanunu nembumbulu,
Zad[2]' izizwe zabonela zafunda
Zayifund' eyona ndlela yokulw' umlungu,
Sabe tina mpumlo sesihlekekile,
Sisiti k' izizwe mazirol' amalizo,
Sisiti k' izizwe mazirol' imihlomlo,
Senz' ukutambisa tina sesimpasalala;

Namhla k' amawetu ngat' afun' ukusabela.

---

2

Namhlanj' ama Skotshi makabulelwe!
Malubulelw' usapo lo Nozikakana;
Malubulelw' usapo lo Notyalana;
Lubulelw' usapo Iuka Daglasi no Madondile:
Lubuleleni usapo Iwa Lose nezi Tyuwati;

*Zed'*

Lubuleleni kakul' olusapo Iwe Ntaba;
Kaloku lemini izalwa sisisu solusapo.
Iminyak' imashumi osixenxe Iuyimiti,
Nakub' i Komishini yaba nelizwi,
Yayiseli lelokwaleka kub' iyinkunzi.
Kumbula kaloku mhla kwandulukw' e Ncera.
Kumbula mini kwesuk" u Gaveni no Lanke.
Kumbula mini baya ku Tyali ka Nonibe,
(Way' u Nonibe low engunina kuma gwangqa,
Kub' ayenikwe yena ngu Ngqika min' afika,
Alazi ke isango lakokwawo e Mbusweni.
Angena ke ngalo zalunga izinto.)
Kumbula mhla bacel' inxowa lemfundo yosapho[3],
Wati u Tyali ukwalata wayolul' ingalo,
Walata wakwezis' ugaga,
Walata walitob' i Tyume nganeno,
Walata waqabelis' i Zinqayi,
Walata waqabelis' u Qelekequshe,
Bafile bona kodwa basateta,
Iziqamo zezo zenzo ziyahlafuneka.
Wanduluka sidyaba! wanduluka sidyaba!
Ungaba nawe ezi zinto uzilibele na?

Ma Xosa, bulelan' usapo Iwezi Kotshi!
Kumbulan' int' engekuyiyo,—

---

3

Ukuba lomhlab' ubuneziny' intlangana  Ngewatengisa
kwa famfam:
 Kwatiwa sewuyi fama ka Zibanizashe,
 Isikhakhamela saseku Tinitini,
Bona bawugcine kwade kwanamhla,
 Kumanzitinziti namabonandenzile,
Ngoko tetan' ilizw' elihle kubo, Babuleleni
nibabize ngoyise.

Namhlanj' ama Mfengu makabulelwe! *posapo*

---

4

Ngubanina I' uhlal' esipikisa simxelela?
Sisit' u Tixo kudal' ama Mfengu wawacokisayo;
Ubunqambi bawo kudala bahlanjwayo;
Uyabona ke namhl' azenzil' into zamehlo;
Awu! wazitandekis' umntu ndingamtandi!
Wazititinish' umntu benditi lironorono!
Namhlanj' ama Mfeng' ayidubul' indlovu.
Eza nemixhak' ezinyaweni zika Sandile;
Namhlanj' abulel' inyati nempofu.
Eza no "Lwanga" ka Mhlekazi u Kumkani;

Az' ud' atinin' umntu ukuzitetelela
Kulama Xos' alemihl' antliziyo ngambini?
Mayibuleiw' i Mfengu ka Mazwi yakwa Nkomo!
Kub'igugq' e Bhungeni kwavokoteka;
Namhl' asinti xhoba pambi ko Sandile
Mayibuleiw' i Mfengu ka Xaba neka Xabanisa!
Lento ma Xosa mayingani xabi ngaluto,
Mayingani xabanisi nganto kanjalo.

Yibulelen' i Mfengu ka Mamba neka Sihlali.
Ningayilibal' i Mfeng' a Komkulu kokwetu;
Inqeber' enkulu esikade siyobula; Int'
eyafela kule Koleji siyibek' amabala
Siyigibisela ngezisihla zodaka kanjalo.

Kawubek' ilizwi nto ka Rubusana sewukupela kweqongqolo lomzi ka Ngqika!

Kawupendule nto ka Pelem yininale!
Sisu singamqungquluza wamvaba,
Lent' igora yint' ewuvumayo umvumbo,
Bel' ilizwi ndit' ama Mfengu makabulelwe,
angenisw' ekaya ati kanti ahlanjiwe; Nants'
ingcwele yexhob' eze nawo.
Ebengatinin' u Tix' ukunikel' okungak' ezinqambini?
Hina kanti waba baptiza ngo Moya nangomlilo?

Ngo moya nangomlilo ka Ndlutshile;
Ngo moya nangomlilo e Tsitsikama; Ngo
moya nangomlilo kwanqanda-ngopondo;
Badliwa zinyok' ukuze bajong' umnqamlezo.
Nditi olusapo malubulelwe,
Lukwazil' ukumlwel' u Sandile.
Kuba lusinxusil' isil' esinamandla.
Isil' esikul' esicit' umzi ka Palo.
Basigwaz' inxeb' emva komkono.
Kungezimini nje sab' amaxhoba,
Lemini yimini yendaba,
Kekaloku site cwaka nganina?

Malibulelw' i Bhunga le Dale Koleji!
No Yuda Sikariyoti tina siyambulela,
Kub' ibe nguy' intambo yokubopa inkomo[1] yedini:
Uyabona ke namhl' ikwekwe ka Ntengo,
Iza seyiyingcibi yokutung' ingubo yo Wayilele;
Iza seyipet' ubuncutshe nobungcungela,
Iza seyiqin' umqolo yapelela;
Nalo Koleji ndit' ingayitwal' emagxeni.
Zeningabi sayikankanyel' ebu Mfengwini,
Oke wenjenjalo maz' anukwe ngamagqira.

Namhlanj' u Tixo makabulelwe
Kubulelw' u Yise no Nyana no Moya.
Utenin' u Tixo ukucinga ngati:
Sizint' ezinj' ukudeleka kwazo?
Usivile na sise siswini sentlanzi?
Kambe namhla nto ka Colwepi kungawe,
Nants' into yako nto ka Bokwe yakwa Rila.
Nank' u Somgxad' evele ngengalo,

---

[1] *inkomo*

Evele ngengalo pezu kwentatyana, "Nanz'
inqwelo zokulwa nabamahash ake."
Kambe namhla nto ka Dyoba kukulungele:

---

Kukulungele Dyoba wodaka
Ngcel' eputi Kukulungele
Cizama Bozwa-Buhele,
Kanenz ingoma yombulelo ku Tixo
Kaniyihlabele ngegama letu ma Ngqika.

Awull!
Sibolek' indodana sokunika pezolo!
Vityi-liratyi sisila sencanda sirumrum
Kunduluk' oka Dwane akubon' u Sindiso;
"Wati uyasindulula isicaka Sako ngoxolo;
Yabet' imvul' ukugqush' inyawo zabembeko.
Yaxel' ukuti iziqumiso zifikile,
Izicelo ziviwe;
Izigulo zipendulwe;
Mvula mayine, Nkosi yam!
Ncincilili!!!